SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI:

   ICANDELO A: Isincoko (50)
   ICANDELO B: Imihlathi (2 x 25) (50)

2. Phendula umbuzo ubeMNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala ICANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Kunyanzelekile ukuba ucwangcise (usebenzisa isazobe/iflowutshathi/ amagama angundoqo, njl.njl), uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngokucwangcisa PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.

6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kulo lonke uyilo ukuba uthe walwenza.

7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:

   ICANDELO A: Malunga nemizuzu engama-100
   ICANDELO B: Malunga nemizuzu engama-(2 x 40) 80

8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.



SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ICANDELO A: IZINCOKO

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso isincoko. Bhala amagama angama-340–390.

### UMBUZO 1

| | | |
|---|---|---|
| 1.1 | Lalisenza izinto zamehlo elethu iqela | **[50]** |
| 1.2 | Indalo nezinto zayo | **[50]** |
| 1.3 | Ulilandele ke wethu igama lakhe | **[50]** |
| 1.4 | Kuswiti nencindi yekhala apho | **[50]** |
| 1.5 | Uthando luyonwabisa lulilisa kananjalo | **[50]** |
| 1.6 | So-o-onke sikhe sixakwe | **[50]** |

Qwalasela uze ukhethe ubemnye kwimifanekiso engezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo. Nombola impendulo yakho ngolu hlobo (1.7 okanye 1.8).

1.7



[Uthathwe kuhttps://fiftyflowers.com/blogs/diy-flowers] **[50]**



SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



**ICANDELO B: IMIHLATHI**

Khetha imihlathi ibemiBINI kule ilandelayo uze ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100–120 (umxholo kuphela).

**UMBUZO 2**

2.1 **ILETA YOBUHLOBO**

Bhala ileta uvuyisane nesizalwane sakho esifumene umsebenzi. **[25]**

2.2 **UDLIWANONDLEBE**

ULutho ungumfundi onomdla wokufumana ulwazi malunga nendlela afumaneka ngayo amandla okuphumelela, ukukhuthazeka, ukungatyhafi, nokungazoyikiseli. Udlana indlebe noSinako ongumdlali ophume phambili kutshanje kwimidlalo yeParalimpiki.

Bhala udliwanondlebe oluza kwenza uLutho afumane ulwazi alufunayo kuSinako. **[25]**

2.3 **INTETHO**

Izikolo zinengxaki yokucalulana kwabafundi. Wena unamava okusombulula ukucalulana kuba ubungomnye kwigqiza ebelisombulula le ngxaki kwisikolo enimelene naso.

Bhala intetho yokunika iingcebiso ngeendlela zokuphelisa ukucalulana ezikolweni. **[25]**

2.4 **I-IMEYILE**

Ungumhlali, bhala i-imeyile ebulela unogada ngokubhaqa, abambise abantu abenza oosingasiselo abanobungozi kwingingqi yenu. **[25]**

2.5 **INGXOXO YABABINI**

UBalungile uyimele imbono yokuba izikolo mazikuyeke ukunyanzela abafundi ngokuthetha isiNgesi kuphela esikolweni, ngeli xesha uKungawo esithi abafundi mabanyanzeliswe bathethe isiNgesi sodwa esikolweni.

Bhala le ngxoxo iphakathi kukaBalungile noKungawo. **[25]**

2.6 **INGXELO ENGEKHO SIKWENI**

Bhala ingxelo oyinika usapho lwakho njengomququzeleli wohambo lokuya kuchitha iiholide zalo zokuphela konyaka.

Ingxelo yakho mayiquke: Injongo yohambo, osele ukwenzile, okufumanisekileyo okuhambelana nenjongo kunye neengcebiso ngohambo. **[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 50**
**AMANQAKU EWONKE: 100**



SA EXAM PAPERS
Proudly South African